basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NKANGA 2025**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-25.**

Testpapers.co.za Testquestions.co.za

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba sibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwisikhokelo sokumakisha.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

   **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.
   Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'ULANGALIBALELE' – SEK Mqhayi**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**
Isigama esisetyenziswe kulo mbongo sinenjongo yokuba simthande uLangalibalele singabafundi balo mbongo.

- Injongo yokuba simthande uLangalibalele ibonakala kwigama 'uHambani' alinikwa yimbongi elitsala kumazwi akhe mhla wayekhulula amaHlubi ukuba aqhube alilwe idabi lokukhulula amaHlubi akuba yena ekhutshwa eluvalelweni kule ndawo sithi kukwaLanga namhlanje ngenxa yobudala. Kunika isizathu sokuba athandwe ngabafundi bombongo ukuba angawugcini kuye umgomo wokulwela abantu abamnyama.
- Injongo yokumenza athandeke kubafundi bombongo ibonakala kwisigama esikumqolo wesi-4 esithi 'sendogcin' igama namanxowa.' Esi sigama senza simthande uLangalibalele xa ezotywa njengomntu ofunzele ukugcina izinto ezixabisekileyo ezifana negama lamaHlubi, amangcwaba namanxowa angatshabalali. Indima ayidlalileyo ibangela abafundi bombongo bambone njengomntu okhathalayo noluthathela kuye uxanduva lwesizwe samaHlubi.
- Ukumthelekisa neLanga ngokomqolo wesi-7 xa kuchazwa imini yakhe yokuzalwa kutyhila injongo yokuba athandeke kuba ilanga lingumqondiso wokhanyiso nokufudumala. Umqolo wesi-8 umchaza njengomntu obhubhe eyingonyama atsho athandeke kuba ezingqondweni zabafundi bombongo ingonyama yayanyaniswa namandla nokoyisa.
- Ukusetyenziswa rhoqo kwegama 'Nkunzi' kwimiqolo 9-11 kubethelela uluvo lokuba nguye ozele umnombo wamaHlubi, elithole naye kumnombo wamaHlubi akawulahla umsebenzi wakhe wokubayinkosi. Ngokwale miqolo ubunkunzi kukunika isikhokelo esingalahlekisiyo. Kumenze athandeke umntu ogcina iingcambu zakowabo nongagungqiyo kubunkokeli bakhe.
- Usondezwa ngakumbi kubafundi bombongo ukuba bamthande ngokusetyenziswa kwesikweko. 'Nkunz' egqume kuNtabamhlophe' ethelekiswa nesilwanyana esikhulu.
- Umqolo we-13 uvelisa injongo yokumenza athandeke kubafundi bombongo ngegama u'kwahlokoma' okuthetha ukungenelela kwezinye izizwe kungumboniso wokuba akaqali namhlanje ukuthandwa nokuxabiseka wayethandwa exabisekile kwamhla mnene.
- Ukubalidelakufa kwakhe kutyhilwa sisigama esinika imbalana yokungcungcuthekiswa kwakhe esithi, 'ikhe yaginywa mbumbulu ziqithi suk' iziqithi zahlamb' intliziyo.' Sisigama esiveza ubutshantliziyo bakhe kuba ukho kwimbali yokuvalelwa esiqithini *iRobben Island* apho ayengcungcuthekiswa khona amatshantliziyo omzabalazo, atsho athandeke kubafundi bombongo.
- Isigama esithi 'yakhal' iKoloni yathi 'Ngiyasha!' sityhila ubudelakufa kuye kuba ebengayekeli abacinezeli benze nantoni na kuye. Esi sigama sithetha ukuba lwaluvakala ulwamvila lwakhe. Asikwazi ukungamthandi umntu ongaziyekeliyo axhatshazwe ngabacinezeli.
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UKUBETHWA NGEMVABA' – SEK Mqhayi**

2.1 Umqolo 1 oqulethe ukulandwa kwamaxesha andulo√/umnumzana othile√/ ukubakho kwabalinganiswa√/izenzi ezikwixesha eladlulayo kumqolo wesi-3 nowesi-4√/Izenzi ezikuhlobo lolandelelwano√/Ukwenzeka kwezinto ngesiquphe.√ (Ukucatshulwa kwemizekelo kwamkelekile.)
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

2.2 (a) Ngexa lokuhlwa.√
(b) Imvaba.√ (2)

2.3 Athathe imvaba ngokungxama.√√ (2)

2.4 Kwisitanza sesi-3 ukuxhatshazwa kuvezwa ngesenzo esenza rhoqo indoda sokuphatha kakubi umfazi√ ngokuvusa ingxabano eza kukhokelela ekubeni imbethe imcokise ngemvaba ukuze izonwabise ngokufumana amafutha anencasa.√ (2)

2.5 Umbongo ufundisa ngemvelaphi yebhotolo√ kuba ngokwebali iqala ilubisi olugcinwa kwimvaba kuthi ngomnqa wokubethwa komfazi ngemvaba kufumaneke ibhotolo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'ISIQITHI SEENTINI'** ***(Robben Island)*** **– TN Kabanyane**

3.1 Umqolo wesi-2 osebenzisa uchazo 'esimid' iphelel' elwandle.'√/ 'esingumsinandozele' kumqolo wesi-3.√/Isitanza soku-1 sichaza isiqithi seentini.√ (Ukucatshulwa kwemizekelo kwamkelekile.)
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

3.2 (a) Mandulo.√
(b) EKoloni.√ (2)

3.3 Yeyokuphelelwa ngamandla√√/yeyokucutheka/kophuke impilo.√√ (2)

3.4 Kwisitanza sesi-4 ukuxhatshazwa kuvela ngokuxhatshazwa kwamaXhosa ngabamhlophe,√ ngokubahluthela imihlaba athi akukhalaza atyholwe ngokuba angabavukeli-mbuso, aze agwetywe ubomi esiQithini. √ (2)

3.5 Umbongo ufundisa ngembali yesiQithi seentini esesiyindawo yokhenketho ngoku√ kuba sixelelwa ukuba sinembali embi yokuxhatshazwa kwabantu abamnyama.√/kuba kumbongo kuthiwa sasiqale siyindawo yokhenketho saze saguquka sayindawo yokungcungcuthekisa abantu abantsundu saphinda sabuyela sayindawo yokukhenketha.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'WATSHA UMZI' – Nontsizi Mgqwetho**

4.1 Umqolo woku-1 'saqala.'√/Umqolo wesi-3 'seva.'√/(izenzi ezikwixesha eladlulayo)√/Ukubakho kwabalinganiswa.√(Ukucatshulwa kwemizekelo kwamkelekile)
(Nasiphi na sibini kwezi.) (2)

4.2 (a) Namhla/Kwezi ntsuku/Kule mihla.√/ kwixesha lengcinezelo/ ngexesha lokuthinjwa kwamazwe e-Afrika.√
(b) Kumzi/ kwilizwe√/Kumzi we-Afrika√/ kwilizwe i-Afrika√/kumazantsi e-Afrika √/ eMzantsi Afrika.√ (2)

4.3 Yintsingiselo yokuba babengenamntu wokubona iingxaki ekuzo iAfrika.√√/ Kwakungasekho nomntu wokubabonisa indlela.√√ (2)

4.4 Kwisitanza sesi-2 ukuxhatshazwa kuvezwa ngokungcungcutheka kwabantu √ ngenxa yokuba bekunyanzeliswa ukuba babenepasi ngalo lonke ixesha. √/ ngenxa yokuba bekunyanzeliswa ukuba balahle inkolo yabo bamkele ezaseNtshona. √√ (2)

4.5 Umbongo ufundisa ukukwazi ukuxabisa nokukhathalela okukokwabo abantu bangakuyeki kutshatyalaliswe ngabafiki√ kuba umbongo uqulethe isikhalazo nokumemelela abantu ukuba bathabathe uxanduva bangahlali basonge izandla ngento ebachaphazelayo.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'ISIPHIWO' – MG Bici**

5.1 Umqolo we-3.√/Kwabanye sibonakale umntu selekhulile.√ (1)

5.2 Umntu onesiphiwo uyaphila.√/Ubayindumasi.√/Ubizwa ngapha nangapha.√
(Nasiphi na isibini kwezi). (2)

5.3 Isitanza soku-1 sakhiwe ngemiqolo emi-4 kanti isitanza sesi-2 sakhiwe ngemiqolo emi-5.√√ (2)

5.4 Umqolo othi, 'Kuloko sithi Huntshu! kwabo baneziphiwo' ububungqina bokuncoma.√√ (2)

5.5 Lokubethelela/ lokugxininisa ukubaluleka kwesiphiwo umntu anaso.√ (1)

5.6 Kukukhuthaza uluntu lusebenzise iziphiwo zalo√ kuba ngokwesi sitanza kuhlokozwa ukuba umntu ngamnye makaqaphele isiphiwo anaso nokuthi kanti singaluncedo kwakuye nakwabanye.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umcuphi kwinoveli engolwaphulomthetho ubonakala ngokudlula kwimiqobo emininzi aze ade abuphumeze ubunganga bomthetho.

- UMapheza akutyunjwa njengomcuphi ugrogriswa ngamapolisa ngobungozi bophando aluqalayo kuze ukugrogriswa kubengumqobo kwindlela ayisungulayo yophando kumenze angaqiniseki ngamandla akhe nanjengoko isipolisa esimele kumxhasa isiso esimvalelayo. Esakuphakamisa intloko uMapheza eqala uphando uThantaswa noMfuneko bamjonga ngeliso elibukhali bafuna angaphumeleli kungenjalo bamfuna efile. Noko kunjalo, uyaqhubeka nophando kuba kakade umcuphi ubamnye kolu didi lwenoveli.
- Singumqobo kumcuphi isabatha esinguNqoza asibekelwa nguMfuneko ukuze simvalele athi sele ekwaYangaphi kuThantaswa nakuMonde abuye evalelekile angalufumani ngokufanelekileyo ulwazi abejolise kulo. Uyacintelela kunjalo, agcine umnconwana womkhondwana awusebenzise akube esuselwe umqobo onguMfuneko endleleni ukuze ade abe ufikelele kuThantaswa.
- Umqobo onguThantaswa umfaka kwimigibe ngemigibe esukela ekudlisweni ngetyhefu embhuqisa ngesisu segazi aze asinde ekufeni ngokulala esibhedlele kodwa achache emva kwemizamo yesibhedlele.
- UThantaswa akalali ubeka umqobo ngamnye eyichaza injongo yokuqinisekisa ukuba uMapheza ufa engekafikeleli kwinyani yokuba yena ungumbulali kaMsindisi. Ukoyiswa kukaThantaswa kukungafi kukaMapheza ngumalingatshoni, kumenza aququzelele ukutshiswa kwakhe ngovutha eyawaphahlwe nguMfuneko. Kubakhuthaza ukuba bathi beseve nje ngetyotyombe elitshileyo bathi ngemivuyo bayobika kuloMapheza. Usinda kuvutha ngokulunyukiswa nguNontsikelelo ongumkhwetha kaSiphongo abe uyabhungca njalo. Abalazanga eliwinayo abophulimthetho.
- UBhanqo uwenza nzima umsebenzi ngokugcina ulwazi ngokufa kukaMsindisi enalo lungabubo ubungqina obunokuthi busetyenziswe nguMapheza ukuze aphumelele kuphando lwakhe.
- Kuyo yonke imiqobo uyaphumelela ngeenzame, bayafumaneka abachaphazelekayo, uMfuneko noNqoza bayanqunyanyiswa emsebenzini agwetywe uNqoza ishumi elinesibini leminyaka. Imiqobo ebekwe endleleni yakhe imlole ngakumbi imkhuthaza kuphando lwakhe wade wabe uyaphumelela.

Ukubangumcuphi wetyala lolwaphulomthetho kukaMfezeko Mapheza kuphumeze ubunganga bomthetho kule noveli.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Ngokwesi sicatshulwa intetho ithetha ukuba xa uMapheza ebampimpile bonke beva kabuhlungu sebephelelwe nangumsebenzi.√√ (2)

7.2 Isiphumo asizange sihambelane nenjongo yokuwathetha kuba ngokwenjongo kaMfuneko osisithethi ubeba uthetha ukuba ubuhlungu buza kuviwa ngooNqoza kanti ubuhlungu bugqibele buviwa nguye.√√/Ngokwale ntetho ubeba ukuluma ukwenza into eza kwenziwa nguMapheza kubo kanti uMapheza ugqibele eluma kwayena Mfuneko ngokumbethisa ngomthetho.√√/ Ngokwale ntetho iintwala azijolise kooNqoza zigqibele ziluma yena.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

7.3 Ziyamdlisa ngeenjongo zokuba afe engekambhaqi uThantaswa ukuba ungumbulali.√/ Zimbekela uNqoza njengokhala wokuqinisekisa ukuba uphando aluhambeli phambili√/Zimtshisa netyotyombe kwaSiphongo.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.4 Ndiyachasa akuchanekanga ukumchaza ngokuthi uyaluma uMapheza kuba ngokwale ntetho uthetha ukuba uyampimpa kanti akampimpanga mntu njengoko ebecingelwa, bebempintshwe kwanguMfuneko.√√ (2)

7.5 Iintetho zikaMfuneko zibonakalisa uthanda phakathi koMapheza noMfuneko malunga nokwamkela umthetho okanye ukuhambela kude kuwo.√/Ukubizana kwabalinganiswa ngobumpimpi kubonakalisa kukho umphixanisi.√/Imfuneko ephakanyiswayo yokuguzulwa kukaMfezeko ngamanye amapolisa angahambisaniyo nokuphakanyiswa komthetho.√
(Nayiphi into ebonakalisa ukohlukana kwezimvo, ulwimi olubonakalisa ugxagxamiswano, ithoni yezithethi ihambelana noxambuliswano nobunzulu bovakalelo malunga nomba oshushu, unxunguphalo, ukubamba amazinyo, umoya onuka igazi ebalini, ubukho babaphixanisi, izinto zonke ekukudala ziqhubeka ebalini nezingeyongxabano engephi zibonakalisa impixano.)
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.6 UNqoza ulipolisa elincedisa ukwaphula umthetho kuba xa kubiwa uMapheza esibhedlele ukhona√√/namhla uMapheza adliswa ityhefu ukhona.√√/ Umphazamisile uMfezeko xa ephanda kuloMsindisi√√/ Ukhona kugqogqo kwaMapheza befuna umpu wakhe bazokumbulala ngawo√√/ Ukhona kwiyelenqe lokusa uMapheza kwaSiphongo esazi ukuba uza kutshiswa ngenzulu zobusuku. √√ / (2)
(Nayiphi na kwezi.)

7.7 Kukho amapolisa akhusela umthetho kukwakho namapolisa aqhuba ulwaphulomthetho.√√ (2)

7.8 NguNqoza√/nguMfuneko√/nguMdlambila.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.9 Ubunyekenyeke kwizityholo ababekwa zona buvela kumasikizi, okuzama ukubulala uMfezeko nokukhusela ababulali bakugqiba ukubangabantu bomthetho.√√ (2)

7.10 Wosulela izenzo zakhe zokwaphula umthetho kumapolisa amsulwa/uba imipu ayosulele kuZalala√/Umpimpa uNqoza ngokunxila emsebenzini√/uphazamisa umthetho ngokuzama ukubulala uMfezeko ophanda ngokubulawa kukaYangaphi.√/Uncedisa uThantaswa ekubulaleni uYangaphi kuba efuna isabelo sakhe kwimali kaYangaphi.√/ Wadukisa idokethi lokubulawa kukaChizama nguNompumelelo ukuze akhusele uNompumelelo angabanjwa ngumthetho kodwa ethenjiwe nanjengoko engumntu womthetho.√ /Usebenzisa abantwana- ooSixaki ukwenza izinto ezimdaka ezinjengokubulala, ukuba imipu nokuyithengisa.√/ Ungcungcuthekisa uNomacebiso- unina kaMfezeko ngokuthi makathenge ibhokisi yokungcwaba unyana wakhe.√/ Ufaka ooSixaki abangabantwana emgibeni wokuba ngababulali zibe ezakhe izandla zimpuluswa.√ Sesokuqulunqa iyelenqe lokugqogqa umpu kaMapheza kowabo ngenjongo yokumbulala ngawo angacingeleki. √
(Nayiphi na ekungqina ngokuchanekileyo ukungcola.) (1)

7.11 Ikuqaqambise ngokohlwaywa kwezaphulimthetho baze abakhusela umthetho bavuzwa. √√/ Ikuqaqambise ukungalungi kwezaphulimthetho ngokuthi athi uMfuneko olipolisa ophule umthetho, wathengisa imipu yasemapoliseni kwizaphulimthetho ekubulawe ngayo abantu ohlwaywe abe uMapheza owukhuselayo evuzwa.√√

(Nawuphi na umzekelo ochanekileyo ngokwasencwadini oqaqambisa ukungalungi kolwaphulo mthetho.) (2)

7.12 Ukuthi iliwa xa libheke umoya ngesiXhosa kuthetha ukuba kuphela amacebo kudizeka amahlebo, ngokomxholo wenoveli ukubekwa kukaMfuneko izityholo zokuchaphazeleka kulwaphulomthetho kucacisa mhlophe ukuba amaqhinga akhe noThantaswa okufumana imali kaYangaphi ayaphanza, amacebo wabo aphelele endleleni.√√
(Nawuphi na umzekelo ochanekileyo ngokwasencwadini oqaqambisa ukuba iliwa libheka umoya kuMfuneko) (2)

7.13 Ndiyaxhasa ukuba kuchanekile ukuthi yindibongo kuba ukunqunyanyiswa kukaMfuneko emsebenzini kwethisa ithemba lokusinda kukaThantaswa angafumaneki njengombulali nelokuzuza imali yelifa likaYangaphi.√√ (2)
**[25]**

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iqhawe kwinoveli yentlalo libonakala ngemiqobo elidlula kuyo nempumelelo yalo. Ubomi bukaThole buqale bajikelezwa yimiqobo ephazamisa indlela yokufezekisa ukubangumfundisi. Amandla nokuzingisa kwakhe kwakheleke kwisazela athi abenaso xa ehlangana neengxaki kwindlela yakhe yobomi.

- Ekukhuleni kukaThole ibali limveza ejongene nengxaki esuka eRhawutini elibhekise kowabo. Uhlangana noogxa bakhe uThemba noSonwabo amatshijolo angabahlobo bakhe abangumqobo ngokumqweqwedisela endleleni esinga eBhayi, engafikanga kowabo. Kolu hambo uzibhaqa esela utywala obumbangela ukuba azibone evuka kwilokishi angayaziyo. Ukuzisola nokukhathazeka kwakhe yimeko azibona ekuyo kuvuselela isazela esibonakala xa esela utywala abuthungelwa nguThemba.
- UThole ulahlekana nooThemba xa bezulazula idolophu aze ahlangane noNomsa nathe wathabatheka nguye baze bathandana. Babanezigqibo zokuba uThole atyelele uNomsa kowabo. Endleleni eya kuloNomsa uvuselelwa isazela ngamazwi womfo wakwaSigxabhayi, kanti sele efikile kuloNomsa. Uthi esahleli kamnandi apho kungene uJoe neqela lakhe nelathi lambetha lithembisa ukumbulala. Kwimeko yakhe yokujongana nokufa kuvuseleleka ukwazi ukuba umthandazo ungamkhulula kwirhamncwa elikukufa elimjamele ebusweni. Ukubethwa nguJoe amgrogrise ngokumbulala kunceda ukuba azikhumbuze ngesifungo sakhe noThixo enze isithembiso sokusebenzela inkosi esihleli njengesazela kwiingcinga nezenzo zakhe.
- Ukuphuncuka kukaThole kwizihange ebeziza kumbulala ufikelele kwisigqibo sokulifulathela iBhayi, agoduke. Ngelishwa uhlangana noThemba omxelela ukuba imoto egodukayo seyime ngaye. Akakhange aqinisekise ukuba imoto iya kweliphi icala de waqabuka sekophulwe. Imoto ibalahla kumahlathi aseKnysna apho abukela oogxa bakhe beqwengwa ziingonyama. Kwizinto awayesele nazo uThole kuloo mbhodamo yayiziincwadi ezimbini neBhayibhile. Iphupha lomfo onomnqwazi wameva limvusa elele emthini awele phezu kwengonyama ebesele ilibele ukuba igade ixhoba elinguye, yagqotsa ukumshiya apho. Uthi sele ephumele ngaphandle ehlathini ibuye ingonyama. Uyagaqa ayikhawulele ingonyama ezinikezela ukuba imgqibezele suka yee phethuthu yabaleka ingonyama.
- Ukuzenza kukaThole igqirha kumhlaba waseKnysna kumenzela imali nemfuyo, kodwa endaweni yokuba onwabe uya ebhitya ngokubhitya. Ukungonwabi kwakhe kubangelwa ngamaphupha azingileyo, ngakumbi elomfo onomnqwazi wameva, amvusela isazela. Amazwi entshumayelo angonyana wolahleko abinza okwekrele asivuselele ngakumbi isazela sakhe, ambangele ukuba athabathe isigqibo sokuthengisa ngemfuyo yakhe, agoduke. UThole ubuyela kowabo athabathe isigqibo sokubuyela esikolweni.

- Inxaxheba yabefundisi ahlangana nabo kwizikolo afunda kuzo idlala indima enkulu ekuvuseleleni isazela sikaThole ngeentshumayelo zabo ezimkhumbuza isifungo sakhe sokubangumfundisi.

Ukuze sihlale sivuseleleka isazela sesigqibo sikaThole sokubangumfundisi kuye kunyanzeleka ukuba adlule kwimiqobo emininzi yobomi ukuze afezekise iinjongo zakhe, yiyo loo nto ephela engumfundisi ophume izandla nje kungenxa yemiqobo adlule kuyo wakwazi ukuthatha isigqibo esisiso.

- (Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Ngokwesicatshulwa athetha ukuba uMangaliso wavakalelwa wanesazela kuba ilizwi lentshumayelo lachukumisa isazela sakhe.√√ (2)

9.2 Ndiyangqina asihambelani nenjongo yakhe yokubangumfundisi kuba lo Thole udukisayo ngoku ufuna ukuhlehla kanti isiphumo ekupheleni kwebali uThole ungumfundisi ophume izandla.√√ (2)

9.3 Iqhawe lale noveli uThole, intlalo ilibekela iitshomi zimlahlekise.√/Ilibekela ubumnandi obuza ngoNomsa.√/ilibekela ubomi baseKnysna obulilibazisa ngokubanemali eninzi eliyifumana ngokuzenza igqirha.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

9.4 Ndiyakuxhasa kuchanekile ukubiza uMangaliso ngokubalithemba lendlu emnyama kuba usebenze wangumfundisi ozinikeleyo eguqula uluntu olwalutshone zwabha esonweni waphucula nentlalo.√√ (2)

9.5 Ukubhomboloza okwenziwa nguThole kubonakalisa ukungavisisani kwesenzo sakhe esinxamnye kunye neenjongo zakhe zobom.√/Ukuphupha okwenziwa nguThole kuveza impixano yangaphakathi ngokubonakalisa ukuhamba kwakhe kwindlela enxamnye neenjongo zokubangumfundisi.√
(Nayiphi into ebonakalisa ukohlukana kwezimvo, ulwimi olubonakalisa ugxagxamiswano, ithoni yezithethi ehambelana noxambuliswano nobunzulu bovakalelo malunga nomba oshushu, unxunguphalo, ukubamba amazinyo, umoya onuka igazi ebalini, ubukho babaphixanisi, izinto zonke ekukudala ziqhubeka ebalini nezingeyongxabano engephi zibonakalisa impixano.) (2)

9.6 Ndiyangqina ukuba isazela siyamncedisa umntu ukusabela ubizo kuba ukubethelwa luvalo ngemini yentshumayelo yomfo wakwaSigxabhayi kwakuhamba nokubethwa nguJoe kwavuselela isigqibo sokufuna ukusebenzela inkosi.√√/Ngemini wayehlatywa ngamazwi angonyana wolahleko eKnysna wathatha isigqibo sokugoduka ayokuvuselela ubizo lwakhe.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

9.7 Abefundisi abathunyelwa eGeorge Goch baphela beseyela kwiziyolo ezigquba kwesa sixeko, kanti esi sixeko yindawo yokuqala apho uMangaliso aqhuba ngokukuko umsebenzi wobufundisi.√√ (2)

9.8 Umfundisi uShepherd√, umfundisi uMaqoma.√ (2)

9.9 Ithamsanqa lisekubeni uMangaliso ubuya engumfundisi onemfundo enomsila nodume kulo lonke ihlabathi esaphila uFikizolo emva kokumthundezela esikolweni, engatyhafi naxa selelahleka endleleni.√√ (2)

9.10 Unxibe ezimbejembeje zobunzululwazi.√ (1)

9.11 Inoveli ikuqaqambise ukungalungi ngokuthi amatshijolo aphelele endleleni afe aze uThole obingiweyo aphumelele abengumfundisi.√√ (2)

9.12 Kwintetho yesiXhosa umntu xa esetyenziswe ngolu hlobo umela abantu abaninzi ngoko ke kwesi sicatshulwa kuthetha ukuthi ukubangumfundisi kukaMangaliso kwadala ulonwabo nemigcobo kubantu bonke baseZazulwana.√√ (2)

9.13 Ndiyakuxhasa ukuchaneka kwesenzo sokulila kukatitshala uZolile noFikizolo kuba ukulila kwabo kusukela kumanzithinzithi obomi abadlule kuwo ukufezekisa umnqweno wabo wempumelelo kaThole.√√ (2)

**[25]**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 u4kuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iqhawe lomzabalazo lisoloko lihlangana nemiqobo ukuze iminqweno yokuzuza inkululeko ingafumaneki lula. Inzondelelo yeqhawe yiyo eqhubezela iqhawe likwazi ukumelana nemingeni, likwazi nokutsiba imiqobo elibekelwe yona. UMfazwe kule noveli liqhawe lomzabalazo eliye labekelwa imiqobo nelithe lakwazi ukudlula kuyo lade lazuza, laphumelela.

- UMfazwe uhlangana nemiqobo ebekwa ngabaxhasi bengcinezelo abafana noFriday, uNtsipho, uNdlela kunye namapolisa engcinezelo.
- Kubangumqobo ukubanjelwa ukuba efundisa abafundi baseFunda ngemvelaphi yabo eluncedo kubo ngokubavula amehlo ngesimo sezopolitiko saseMzafrika.
- Ukubanjwa kukodwa kubangumqobo ngakumbi xa ade agungxiswe ingxowa enuka umchamo evenini yamapolisa, evalelwe nenja. Kudala ixhala lokuba ingamluma nanini. Ixhala lakhe likhula ngakumbi akuvalelwa esiseleni aze abenethamsanqa lelishwa lokuva indlela amabanjwa afa ngayo ejele ngelithi azixhome ngomlenze webhlukhwe.
- Yonke le nquleqhu kukuzama ukumoyikisa ukuze atshintshe ingqondo abeyimpimpi athengise ngenkululeko yabantu abamnyama. Uxelelwa ngooNtsipho nooNdlela nabo abatshintshayo ngenxa yokungakwazi ukumelana noxinzelelo lwamapolisa.
- Ukuziselwa kukaMfazwe impahla yakhe esejele ukuba ayinxibe xa ezakukhululwa, ziinzame zokumbonisa ukuba ayikho into efihlakeleyo emapoliseni, nekhaya lakhe nkqu alikhuselekanga, angangena nanini enze unothanda.
- UFriday njengomntu osebenzisana namapolisa umbekela umqobo ngokumthengisa kubalwi bengcinezelo ngelithi uMfazwe yimpimpi kuba efuna abelikheswa kwaQaka, ade abulawe kuba ethengisa ngenkululeko yabantu abamnyama. Lo mqobo uwuqinisa ngokusondeza uZo othandana noMfazwe ukuze uMfazwe amncame.
- UMfazwe uvukelwa yintlanganiso yabalwi bengcinezelo ngelithi yimpimpi aze athutyeliziswe apho ayokufihlwa kwaMfundisi uHlathi.
- EkwaMfundisi uHlathi ulandelwa nguFriday ugibisela isiqhushumbisi ukuze oyike ancame azinikele ngokuzibandakanya namapolisa.
- Umqobo wokuduka kwabazali bakhe uchukumisa iimvakalelo zakhe ukuze azame ukubakhusela ngokugoba uphondo ayeke ukuzabalaza. Noxa kunjalo uyaqhubeka nozabalazo.
- Kutshiswa ikhaya likaMfazwe abe engabazi nokuba baphi abazali bakhe ngumqobo osetyenziselwa ukumtha amandla.
- Imiqobo ayibekelweyo uMfazwe idala ukuba uMfundisi uHlathi ngelimkhuselayo amlungiselele indlela yokuwushiya uMzafrika ayokuqeqeshwa kumazwe angaphandle.

- Uncama abazali bakhe, uncama uZo wakhe, uncama umsebenzi wakhe wokufundisa eFunda awushiye uMzafrika.
- Endleleni ubekelwa umqobo ngokuthi saa kwamapolisa endleleni ekucaca ukuba kukhangelwa yena. Endaweni yokujika endleleni uphokophelela phambili kuba efuna ukutshintsha iimeko zokuhlala zabantu abamnyama eMzafrika, abantu bazuze inkululeko elizweni labo.
- Endleleni eya eMgazi udibana nemoto etshayo inabantu ngaphakathi, amathuba evuma ukuba angatyholwa ngokubulala abantu ngumqobo osetyenziselwa ukuba abonwe njengempimpi ezokusezela umoya elubhacweni.
- Elubhacweni akathenjwa kuba waziwa eyintlola, ulwa idabi lokuthembeka ukuba akangongcothoza, ulwa amadabi okusinda ekutyiweni ngamarhamncwa asezindle, okuleqwa abethwe kodwa alwe ade phumelele.
- Uzibandakanya nombutho iNtsimb'ebomvu apho avana amandla noSkhotsholo nambethe wamenzakalisa.
- UMfazwe uzuza uloyiso ngokuthenjwa eselubhacweni wade wakhululeka uMzafrika. UMfazwe uliqhawe lomzabalazo elidlule ngempumelelo kwimiqobo ebelibekelwe yona wade waphumelela uMzafrika.
- (Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Ngokwesicatshulwa athetha ukuba uMfazwe waxakwa yimpendulo naye engasaziqondi.√√ (2)

11.2 Azihambelananga kuba ngokweenjongo zakhe wayefuna uMfazwe abonwe njengeyona mpimpi kodwa kwagqibela kusaziwa kwayena ngobumpimpi.√√ (2)

11.3 Ugqwetha iingqondo zabafundi bambone njengempimpi endaweni yomzabalazi.√/Ulukuhla abantu bakwaQaka ukuba bambone eyimpimpi ukuze angabiloqhawe labo.√/wenze imizamo yokumqhushumbisa ngeziqhushumbisi kwaMfundisi uHlathi.√/Umtheza amandla ngokumahlukanisa noZo athandana naye.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

11.4 Ndiyaxhasa kuchanekile ukumchaza uFriday ngokuthi yimisebenzi yakhe ukufa kwabantu kuba wababulala ngokwakhe abantu ababekwi*Cressida*.√√ (2)

11.5 Impixano yangaphandle ibonakala ngokuthi kuvele ukuba uMfazwe noFriday ababoni ngasonye okanye abahambi ndlelanye kuba uMfazwe usulela kuye abantu abafe kwi*cressida*.√/Ukubakho kwegazi ekuxanjuliswana ngalo kukodwa kubonakalisa ukuba kukho impixano.√/Ukubulalana kwabantu kubonakalisa amasikizi adiza impixano.√/Ngokwencoko kaHlathi nemibuzo ethi' 'Ixesha eli uthuleleni? kubonakala ukuba ikhona into exakileyo eqhubekayo, ekucaca ukuba ifuna iingqondo zabantu abadala.√
(Nayiphi into ebonakalisa ukohlukana kwezimvo, ulwimi olubonakalisa ugxagxamiswano, ithoni yezithethi ehambelana noxambuliswano nobunzulu bovakalelo malunga nomba oshushu, unxunguphalo, ukubamba amazinyo, umoya onuka igazi ebalini, ubukho babaphixanisi, izinto zonke ezibonakala

kukudala ziqhubeka ebalini nezingeyongxabano engephi zibonakalisa impixano.)
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

11.6 Uncedisile kuba ubeselubhacweni eThongo apho wajoyina intsimbi ebomvu.√ (2)

11.7 UNdlela ungusihlalo wombutho wabahlali kodwa uyimpimpi.√√ (2)

11.8 NguMfazwe√/noSiqithi.√ (2)

11.9 UMfazwe ubonakalisa ukukhohliseka ngokungazifundi angaziphenduli iileta zikaNokuzola.√√/ubonakalisa ukukhohliseka ngokuzinxwema kuNokuzola angabinanto yakwenza naye.√√
(Nayiphi kwezi) (2)

11.10 Ubulala abantu kwaye usebenzisana namapolisa ngokumpimpa abantu.√ (1)

11.11 Ibuqaqambisa ngokuthi uMfazwe oliqhawe lomzabalazo limbeke kwimeko yomngcipheko apho angcungcuthekiswa nguFriday namapolisa ade abhace kodwa isiphumo ibekukuba abuye eyimbunguzulu yegqwetha.√√ (2)

11.12 Isiqalo seeleta siyafana kwileta nganye oko kuthetha ukuba sinento esiyibethelelayo ekukuba uNokuzola uthembele kwimpendulo evela kuMfazwe/uNokuzola wayexhomekekile kwimpendulo evela kuMfazwe awayengayifumani.√√ (2)

11.13 Ndiyaxhasa, achanekile amazwi kaNokuzola kuba noMfazwe uyangqina ukuba wayengazihoyi iileta zikaNokuzola, kuba wayengasafuni nto imdibanisa noNokuzola.√√ (2)
**[25]**

**OKANYE**

## UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

## *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iqhawekazi uDeliwe kwintsomi 'UDeli noDeliwe' kunye neqhawe uMadiba kwisibongo 'NguRhulumente wethu lo' babonakala ngemiqobo abadlule kuyo ukuze bade baphumelele.

- Kungumqobo wokuphila nabantu ngokubathemba kubomi bukaDeliwe ukuzibona ejongene nomngeni wokungamkelwa likhaya lakhe okubonakala ngokuthi angathandwa ngabazali bakhe ngenxa yokuba enesifombo engakhangeleki kakuhle nasebusweni. Abazali basuka bathande iwele lakhe uDeli kuphela endaweni yokubathanda ngokulinganayo.
- Umngeni wokuhanjiswa yedwa xa ethunywa ngabazali kwamakhulu ubonakala ungumqobo kukhuseleko lwakhe njengelinye kumalungu ekhaya. Kubangumqobo ngakumbi kulo mbono wakhe elilungu lekhaya elixabisekileyo xa newele lakhe uDeli lizibandakanya ngokungaziboni lihamba naye. UDeli wayezibona eza kuhlekwa xa enokubonwa ehamba nomntu onegongqo emqolo.
- UDeliwe unomngeni wokumelana neentetho zikaDeli ezibangumqobo ebomini bakhe kuba zaziquka ukuthi kungenzeka ukuba yena Deliwe wacholwa waze wakhuliswa kweli khaya lakhe. Zazimenza azibone emncinci engeyonto yanto.
- Nabelali sebevela bengumqobo kwinjongo yakhe uDeliwe yokuphila nabantu ngolonwabo kuba abantu abafuni nokumbona uDeliwe. Bathi ubazisela amashwa ngesifombo sakhe. Kungoko kufuneka ahambele kude nabantu xa eyokukha amanzi emlanjeni naxa eyokutheza. Kwakude kufuneke aye ngomsobomvu okanye xa kutshona ilanga xa kungekho bantu baninzi. Ngeli xesha akhusela yena wayekhusela nabantu ekumboneni. Owona mngeni yayikukuba ubomi bakhe babume ngxi buxhomekeke ekwaneliseni kwakhe abanye abantu ngokuthi akhangeleke eyinto abayifunayo hayi adalwe wayiyo.
- Ukuya emlanjeni ngamaxesha athile kumenza uDeliwe abebhontebhonte zizilonda. Nazo izilonda zingumqobo ekuphileni ubomi obungenazintlungu, kwaye abantu abafuni kuhlala nomntu onezilonda osenokubosulela.
- UDeliwe uyadlula kwimiqobo kwakuphela isifombo kuba uphindela ekhaya engasenasifombo. Uyathandwa ngabantu, nababemngcikiva bazisondeza kuye becela uxolo. Ubuqhawekazi bukaDeliwe budulile ngenxa yokumelana nemingeni, iyeke ukuba yimiqobo kwindlela yakhe yokuphilisana nabantu ngenxa yokusuka kwesifombo.
- Ubuqhawe kuMadiba ongumlinganiswa kwisibongo, 'NguRhulumente wethu lo' budula ngokudlula kwakhe kwimiqobo ebibekwa ngumbuso wela xesha ngokuthi aphumelele.

- Esi sibongo simbeka uMadiba njengomelo lwabantu abamnyama. Oku kufumaneka kwisigama, 'iinkomo zaseQunu, umXhosa, iminyaka engamashumi ejele' nezinye ke.
- Esi sibongo sibudulisa ubukho bemiqobo ebibekelwe uMadiba ngokusebenzisa isigama esidiza imingeni esithi, 'kant'umntakwethu/ udadewethu utoshalaza phantsi kweBhulu/, nokutatsalaza phantsi kwedla-gusha ukudandalazisa ingcinezelo, kanti nokungahluleki ukuzama koko kucinezeleka.
- Isigama esityhila izenzo zokubanjwa avalelwe ejele iminyaka, zokubulawa kwabantu, zokubekwa kwedyokhwe yobukhoboka ebantwini, zokungakhululeki kwabantu elizweni labo sibonakala sikhethelwe ukudiza imingeni adlule kuyo ukuze abeke etafileni urhulumente wabantu okhoyo namhlanje.
- Ngokwalo mhobe kubonakala kukhe kwakho umqobo oxabe kwindlela eya enkululekweni ngomngeni wokucalucalulana kwabodwa kwabantu abamnyama bambi bathengise ngelizwe kumaBhulu. UMadiba ubonakala ekhwazelwa ukudlula nakulo mqobo ngokumisa urhulumente ongowethu, urhulumente ongowabantu.
- Ubuqhawe bukaMadiba budula xa ephethe ilizwe emva kweminyaka yengcinezelo kwisizwe esimnyama yakube isusiwe imiqobo, urhulumente engowabantu, sele isukile ingcinezelo yomntu omnyama komnye umntu omnyama.

Imiqobo ebebekelwe uDeliwe noMadiba ityhila ubuqhawe obuvele ngokudlula kwimiqobo kufezeke iinjongo zabo zobomi inkungu igabukile.

- (Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 Ithetha ukuba ihlathi lalinemithi exineneyo, lisoyikeka, lihlala amagongqongqo ayesaziwa ngokutya abantu.√√ (2)

13.2 Akuhambelananga kuba nanjengokuba ukubonisa umntu amaqhekeza engqele kukumenzakalisa kodwa endaweni yokuba ibeligongqongqo elenzakalisa uNomaza lilo elonzakaliswayo.√√Lalijolise kwabanye abantu kanti la maqhekeza engqele angqale kulo. √√/Igongqongqo laliziggqibele ililo elinemimangaliso yokubonisa amaqhekeza engqele kanti alisakwazi. √√ (2)

13.3 Lamvalela engxoweni.√/Lamxwaya ngengxowa emagxeni.√ (2)

13.4 Ndiyaxhasa kuchanekile ukubizwa igongqongqo kuba ezintsomini lithiywa ngokwemisebenzi yalo yokudla abantu libaqongqothe, nakule ntsomi belisebenzela ukumdla uNomaza.√√ (2)

13.5 Impixano yangaphandle ivela ekungquzulaneni kweenjongo zikaNomaza nezegongqongqo kuba uNomaza ufuna ukugoduka igongqongqo lifuna ukumdla.√/Igongqongqo lifuna ukuqhayisela abantu ngesakhono salo sokubambisa suka ibelilo elivela ukubasisidenge kuba uNomaza ukhululekile ngeli xesha belicinga ukuba limbophelele.√/Kukho ukunxunguphala okuhamba nokubamba amazinyo sisoyikisela uNomaza kwigongqongqo.√
(Nayiphi into ebonakalisa ukohlukana kwezimvo, ulwimi olubonakalisa ugxagxamiswano, ithoni yezithethi ehambelana noxambuliswano nobunzulu bovakalelo malunga nomba oshushu, unxunguphalo, ukubamba amazinyo,

umoya onuka igazi ebalini, ubukho babaphixanisi, izinto zonke ezibonakala kukudala ziqhubeka ebalini nezingeyongxabano engephi zibonakalisa impixano.)
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.6 Isiqalo sentsomi 'kwathi kaloku ngantsomi.'√/Uphindaphindo√/Ingoma edlulisa umyalezo√/Isilwanyana esinoburhalarhume esithethayo.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.7 Ingoma eculwa nguNomaza ithe yakubamnandi yalenza igongqongqo lafuna ukuqhayisa ngayo.√ lahamba licela nezinto ngayo kanti liza kude lifike kwiqela lamakhwenkwe ekukho kulo inkwenkwe yakuloNomaza√. Ukungadinwa kukaNomaza kukuyicula ingoma ayiphindaphinde kuncedise ekubeni umntakwabo afumane ithuba lokuqaphela ilizwi likadadewabo.√ (3)

13.8 Amadoda uyawasakaza.√/Abasetyhini ubabetha ngoyaba.√ (2)

13.9 Isidanga√/Umnweba.√ (2)

13.10 Umsebenzi wesikweko kukufanisa ngokungangqalanga. Kumqolo we-9 uZilimbola kuthwa ngu'mth'omde' ufaniswa nomthi kuba umthi uluncedo ngokunikeza iziqhamo, umthunzi, ukwasetyenziselwa ukwenza iimpahla zendlu, noZilimbola uncedo alunikileyo eGwali lifaniswa nelomthi eluntwini.√√ (2)

13.11 Ndiyangqina ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwisibongo esincomayo kuba siqaqambisa imisebenzi emihle kaZilimbola.√√ (2)

13.12 Ithoni yesi sibongo yencomayo kuba kuqaqanjiswa izakhono zikaZilimbola zokuxhentsa, zokunxiba isiNtu, ubuchule bokukwazi ukugweba enkundleni.√√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO*** **– WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucing nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma:

Ilishwa sisehlo esibi, esineziphumo ezikrakra ezidala ungcungcutheko ebomini bomntu.

- UGugulethu ubanelishwa eliza ngabazali bakhe bakumxelela ngexabiso akulo lokufuna umfazi bakugqiba bangamniki ithuba lokuzikhethela umfazi ongowakhe. Umcimbi uchotshelwa ngamaHlubi ze uninzi lwawo ngaphandle koZweni libekwicala labazali bakhe. Ilishwa liyamombatha xa livuma ikhaya likaThobeka ukuba batshatiswe bengathandani, bengazani. Lilishwa ukunyanzelwa eme phambi komfundisi atshatiswe ngenkani nokuba selezama ukungaphenduli nasinye kwizibhambathiso ezifundwa ngumfundisi. Uzibopha isandla ngeenjongo zokungatyikityi isiqinisekiso somtshato angawini.
- Lilishwa ukushiywa emhlabeni likholwane lakhe uMzamo osoloko emxhasa kumnandi kukubi kuba ushiyeka engenabani anokuthi aphalaze kuye imbilini yakhe.
- Kulilishwa ukuzibhaqa sele exoxa kwiinkundla zamatyala ngokophula isithembiso sokungatshati uNomaMpondomise emthembisile.
- Wehlelwa lilishwa akuswelekelwa sisithandwa sakhe uNomaMpondomise. ngokuthi uNomaMpondomise akufumanisa ukuba uGugulethu utshatile noThobeka ammangalele, emva koko azeyelisele emlanjeni ngephanyazo.
- Kubalilishwa ukuswelekelwa ngunina, uMaGaba ngexesha lobunzima, egutyungelwe lilishwa phezu kwelinye apho ashiyeka engenaye umama.
- Uzifumana eselishweni xa esithi emva kokutshatiswa nokuswelekelwa athathe isigqibo sokulifulathela ikhaya, kutsho kuqhawuke unxibelelwano kuye nosapho lwakhe.
- Ililishwa eyokuzibona elilolo asuke kwimeko enjalo athunyelelwe usapho, olungelulo olwakhe, uThobeka nabantwana abathathu nekunyanzeleka alondle ngenkani.
- Uzifumana eselishweni ngenene xa kunyanzeleka aqhawule unxibelelwano phakathi kwakhe nabazali bakhe.
- Ufunyanwa lilishwa xa ngoku engaboni sizathu sakuphila ekubeni eshiywe ngabathandayo ngakumbi uNomaMpondomise, ezingwa ziingcinga zokuzibulala.
- Unelishwa lokugaxeleka kwisikizi lokubulala uThobeka nabantwana, ngenxa yokubonakala ukuba akukho mntu umnika ndlebe kwakuthethayo, ezama ukuzibonakalisa ukuba akamthandi abe etshatiswa naye ngenkani.
- Elokugqibela ilishwa lelokugwetyelwa intambo, isisigwebo asifumana ngesenzo sokubulala uThobeka nabantwana asuke ancamele ekutshateni noNomaMpondomise ngengcwaba, amlobole selengasekho.

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[25]**

## UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

15.1 Ingxaki edalwe kukwahluka kwamaxesha kukungavisisani konyana nekhaya malunga noyena mntu uza kukhetha intombi emayitshatwe ngunyana ngenxa yesithethe esibanjwe ngabazali nendlela abafuna zenziwe ngayo abatsha.√√ (2)

15.2 Uthando lukaNomaMpondomise noGugulethu alukwazanga ukunqandwa nakukutshateliswa kukaGugulethu nguyise endaweni yoko umthande nangoku sele ebhubhile de wathi yena Gugulethu aze angcwatyelwe ecaleni koNomaMpondomise ongoyena mfazi wakhe.√√ (2)

15.3 Ingozi yokurhaxwa angene kuyo uZwilakhe kukufa kwemiphefumlo engenatyala.√/Liphela ibali engasenamfazi nanyana.√/Usele nomvandedwa sele ezicelela nokugwetywa.√
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

15.4 Sisiganeko sokubulawa kukaThobeka nabantwana bakhe nguGugulethu, agwetywe uGugulethu, azisole uZwilakhe.√√ (2)

15.5 Ndiyangqina ukuba unenkani uZwilakhe uthi ngoku sele ethethe inyani angazange akhe ayivume mntwini kodwa eme elizwini ngekratshi lokungafuni kuphathwa mntwana.√√ (2)

15.6 Sesokuma ematyaleni kukaGugulethu emangalelwa nguNomaMpondomise malunga nokwaphula isithembiso sokumtshata abesenzile.√√/Sesokufa kukaNomaMpondomise ngokuzeyelisela ngemini yetyala.√√
(Nayiphi kwezi.) (2)

15.7 Atyhila ukuba uGugulethu akazibandakanyi kuyo yonke into edibene noThobeka.√√ (2)

15.8 Iyachaneka inkcaza ethi, olona bambo lwam kuba ngokwebali uGugulethu akakhange azimanye namntu nasemva kokulahlekwa bubomi bukaNomaMpondomise, endaweni yoko uthe ingcwaba lakhe malibekwe ecaleni kwelikaNomaMpondomise.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

15.9 Walile ukuzibophelela njengomyeni kaThobeka ngemini yomtshato.√/ Uye wafulathela ikhaya waxolela ukuzihlalela.√/ waqhankqalaza ngendlela ezisencwadini eziza kucakacwa ngumviwa/ ubulele uThobeka nabantwana.√/ Uzitshatise noNomaMpondomise enkundleni yamatyala ekholelwa ukuba kugqityiwe, utshatile nalowo amthandayo.√ (2)
(Nasiphi na isibini kwezi.)

15.10 Sesokuba ukunganxibelelani kakuhle ekhaya kungamenza umntu azibone elincama ikhaya.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

15.11 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo.√ (1)

15.12 Ndiyasichasa isigqibo sikaGugulethu sokubulala uThobeka nabantwana kuba ukutshabalalisa ubomi bomntu akukho mthethweni, noko zikho iindlela zokuzikhupha kwingxaki yokuva kabuhlungu ezifana nokucela uncedo kumaziko asekelwe loo nto.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

15.13 Lo ngumdlalo oyintlekele kuba kugqame indyikityha yokufa kwabantu.√√ (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma:

Intetho kaMamQhinebe idiza ukuba uzibona ekunye noMaGatyeni ekuvingcelweni yindlala ebeka ityala kumgqwaliso ngenxa yentlupheko ezingileyo xa bengade baphulukane nentlupheko sebesithi bafundisile.

- Ukuvingcelwa kukuvaleleka entweni uzive uxhaphazeka, uba ngabaleka ufike ivalile ungenako ukuphuma kuyo.
- Ukusebenzisa isakhi, u 'si' kukuzibandakanya nomhlobokazi wakhe uMaGatyeni antyumpantyumpeka naye endlaleni ngenxa yokushiywa nabantwana ngabayeni babo abangasekhoyo. Lilonke bangabahlolokazi.
- Indlala sele ingathi iyabavuyelela kuba uMaGatyeni unabantwana abasibhozo ngeli xesha uMamQhinebe anomntwana omnye onguSiqhiwu. Bobabini bayabhokoda ngenxa yobunzima bokukhulisa abantwana bengenazintsiba. Baphila ngokuxhasana, benkinkqisana ukutya, bethwala imithwalo erenkini ukuze kube kungabekwa into etyiwayo etafileni. UMamQhinebe wenza neminye imisetyenzana efana nokuthengisa iibhotile kunye namathambo kunjalo indlala ayimyekanga imbambe ngobhongwana.
- Yintlalo eseyibubakruqula ngoku le bayihleliyo bobabini. Kwabona, sebekruqulene banako nokungathembani. UMamQhinebe akasathenjwanga nguMaGatyeni ukuba umnika ukutya ngentliziyo yakhe yonke. Uyayidelela inketshenketshe ayinikwa nguMamQhinebe.
- NgokukaMamQhinebe eneneni baziva bevalelekile kuba indlala bebesele becinga ukuba baphumile kuyo xa abantwana babo befunde baphumelela nebanga le-12. Kungoku nje bacinga ukuba abantwana babo bebemele ukufumana umsebenzi kodwa kunzima.
- Uyibeka kwibakala lomgqwaliso imeko abakuyo. Ngokwenkcaza umgqwaliso yimo apho umntu abanesimnyama zithi izinto zilunga kwabanye zibe konomgqwaliso zingalungi kuba uvalelwe ngumoya omdaka. Izinto zingahambi kakuhle kuwe bezinako ukuba zingahamba kakuhle. Umsebenzi ufunyanwa ngabantwana abagqiba kuphuma esikolweni kodwa ababo abawufumani kuba kuvele into entsha yokuba kufuneka banyobe ukuze ufumaneke.

- Kwale ndlala ibasusa kude xa kungoku kuba bebekade bevalelwe yindlala equlethwe kukuba bengabahlolokazi ngoku indlala yenziwa kukungaqeshwa kwabantwana bekulungele ukuqeshwa. Ide iminyaka mithathu abantwana bekuluhlu lwabantu abalinde ingqesho
- UMamQhinebe ukholelwa kwelokuba umgqwaliso anawo uwusulele emntwaneni wakhe ukuze naye angaphuncuki kumgibe wendlala ngakumbi xa eva iindaba zokufumana kukaThembinkosi umsebenzi esandula kugqiba esikolweni.
- Ngeliso lomfundi wencwadi, ngumgqwaliso ongaphaya ukuba kanti inkangeleko yomphandle wendlu kaMamQhinebe ethi ngenxa yentlupheko ibe ayivetwanga ngekalika iya kumbangela ukuba abe lixhoba likaDlezinye okhangela amanina anokuwasebenzisa ebe iintsana zabantu ukuze babhatalwe imadlana. Ithi ngoku incinci imali efumaneka ngokuba iintsana uMamQhinebe aqonde ukuba angakhe azimince yedwa kuyo. Umgqwaliso uyazenzela kuba ngoku kuqala iimfihlo kwesi sibini besikade sivana.
- Imeko imdudulela ekubeni ade acele izandla kuMaGatyeni ngokobunzima bomsebenzi wokubiwa kweentsana. Umthembisa esenza nombono wabo bezizityebi ezingawothiyo umlilo behlala eNorth Crest eyilokishi ephucukileyo ngenxa yemali yokuba iintsana zabantu.
- Ngenxa yendlala egquba kula makhaya uDlezinye akasokoli ekulukuhleni uMamQhinebe abe ngecala lakhe kuba ukulambele ukuphuncuka kwindlala emvingceleyo.
- UMaGatyeni ulobeka lula kuba uMamQhinebe umbetha embambile xa emqweqwedisa ngokuthi makabuyise ngala mzuzu zonke izikotile zemilimili namacephe eswekile ebekade emboleka zona.
- UDlezinye ufika nomgqwaliso phakathi kwabo wokuba bangathembani kananjalo bangahloniphani xa omnye ejonge inzuzo.
- Umsebenzi wokuba abantwana ubangathi uyabasebenzela umzuzwana bafumane imali ebakhupha umzuzwana endlaleni. Usuka ubajikele nawo kuba abasathembakali nasebantwaneni babo. Babhajiswe, babanjwe ngumthetho bashiye abantwana abebebasebenzela kanye ngexesha abantwana sebefumana nomsebenzi emva kokulwelwa nguSiqhiwu.

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA*** **– M Lamati**

17.1 Ingxaki edalwe kukwahluka kweendlela zokufuna ukubanemali kukuba abanye bayifuna ngokuxhaphaza abanye.√√ (2)

17.2 Sibhekiselele ekubeni uMaqhikizane akazange amhoye kuba engamazi.√√ (2)

17.3 Ubekwa isityholo sokurhwaphiliza imali kaSiqhiwu ngokungekho mthethweni.√/ Isityholo sokunyobisa ngothando kuNkosazana Siphokazi Sikhuni.√ (2)

17.4 Sisiganeko sokubanjwa kukaMaqhikizane ze afunyaniswe enetyala lokunyobisa avalelwe.√√ (2)

17.5 Ndiyangqina kuba ngokwesicatshulwa wakwazi ukuya kwiofisi kaMaqhikizane eyokumthethisa malunga nesenzo sakhe sokunyobisa ngomsebenzi.√√ (2)

17.6 USiqhiwu ubambisa uMaqhikizane kuKheneli Sibane.√√ (2)

17.7 Kutyhila ukuba awubonwabisi umsebenzi wokuba iintsana.√√ (2)

17.8 Impendulo ethi 'ngowam' ayichanekanga kuba lo mntwana asingowakhe, kwaye akambeli yena umbela omnye umntu.√√ (2)

17.9 Uthwele imithwalo erenkini ngeenjongo zokufumana imali.√/Uzondelele ukunkinkqa nangona exhaywa nguMamQhinebe ngeemini zokunkinkqa ukuze atye neentsana zakhe.√/Uzincamile weba iintsana engafuni.√
(Nasiphi na isibini.) (2)

17.10 Sesokuba ubuhlobo nokuba bebomelele kangakanani na bubabuthathaka kwakusetyenziswana ngeenjongo ezigwenxa.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

17.11 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo.√/Kukho izalathisi zeqonga.√
(Nayiphi kwezi.) (1)

17.12 Ndiyasichasa isigqibo asithathileyo uMaGatyeni sokungena kubiwo lweentsana kuba zikho iindlela ezisemthethweni abenokuzisebenzisa zokuzikhupha kwingxaki abekuyo yokuqweqwediswa nguMamQhinebe.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

17.13 Ngokwale drama amasikizi okunqunyulwa kweentloko nokubiwa kweentsana aveza icala lentlekele kule drama kuze ukubanjwa kukaMaqhikizane ajongane nomthetho, ukuqeshwa kooSiqhiwu, ukubanjwa kukaMamQhinebe noMaGatyeni kuveze icala lokubasisiyolisi.√√ (2)

**[25]**

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, nokuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ibonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/ umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye izimvo zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi azamkelekanga konke-konke nesimbo asichanekanga |
| **AMANQAKU** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0-1** |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>- Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5-6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe zenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA: Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
**Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**